

## Ukuthanda Inceba



---

### Sabatha Emva Kwemini

#### Fundela Isifundo Sale Veki:

*Mat. 6:25–33; Yakobi 1:5–8; 2:15, 16; Isa. 52:7; 1 Yohane 3:16–18; Isa. 58:1–10.*

#### Indima Yenkumbulo:

*“Baphunyelwa kukukhanya ebumnyameni abathe tye, benobabalo, nemfesane, nobulungisa. Unoyolo umntu obabalayo, aboleke; uya kuyimisa intetho yakhe ematyaleni”* (Indumiso 112:4, 5).

**N**jengoko sibonile, iBhayibhile izele ziinkcazo zemfesane yokukhathala kukaThixo ngamahlwempu nabacinezelweyo, kunye nobizo kubantu baKhe ukuba basebenzele abo bantu. Nangona kukho ingqwalaselo enikwa le miba, oku kuthunywa yiBhayibhile kuhlangana nje nokuzaliseka okungazingisileyo nokuyinxenye kwaye kuya kuphelela kuphela xa uKristu ebuya kuze kulandele iziganeko ezingaphaya kwendalo. Kuya kude kube lelo xesha ububi buthe gqolo ngeendlela ngeendlela, buphenjelelwa ngongendawo neengelosi zakhe. Obu bubu bukhulisa ukwenziwa bubonakale ngobuhlwempu, ubundlobongela, ingcinezelo, ukuxhatshazwa ngobukhoboka, umona nokubawa. Kwilizwe elinjalo, imiphakathi yethu, amabandla ethu, neentsapho zethu zonke zifanele ukuma zibuchase obu bubu nokuba kunzima kangakanani ngamanye amaxesha ukukwenza oko. Ukusabela kuthando nomyalelo kaThixo, ukuphila ekukhanyeni kolungiselelo nokuzincama kukaYesu nokunikwa amandla nokukhokelwa bubukho bukaMoya Oyingcwele kufuneka sibe nemfesane, nesiphiwo sokuyila, kunye nesibindi sokuzama “[ukwenza] okusesikweni, [ukuthanda] inceba [nokuhamba] noThixo . . . ngokuthozamileyo” (Mika 6:8).

*\*Funda isifundo sale veki ulungiselela iSabatha kaSeptemba 21.*

## Okuhamba Phambili Ebukumkanini

Njengoko kubekwe kwacaca kwiimfundiso zikaYesu nangababhali beTestamente eNtsha, abo banyule ukuphila bengamalungu obukumkani bukaThixo baphila udidi olwahlukileyo lokuhle nokuhamba phambili kunokuba lisenza ihlabathi.

**Funda: Mateyu 6:25–33. Sesiphi isiqinisekiso esiphindayo ukunikwa esikwezi ndima, kwaye kunagalelo lini oku kuqinisekiswa kuphindwayo koko sikuthabatha njengesikubeka phambili kuthi?**

UYesu wafundisa ukuba “ubomi bungaphezulu kunokutya, nomzimba kuneempahla zokwambatha” (Mat. 6:25, NIV). Ezi zinto zibalulekile zona, kodwa kufuneka sizibone ngokukhanya kobukumkani bukaThixo, into ethi kufuneka sibeke phambili ubomi bethu kwiindlela eziyinyaniso nezenzekayo. Xa siluqonda ubizo kuyo yonke iBhayibile lokuba siphakamise sikhathalele abanye, olu bizo luba zezinye zezinto ekufuneka sizibeke phambili njengoko thina sizama ukulandela emanyathelweni kaYesu. Okukuko, olu bizo lunokusinceda ukuba siqwalasele nganeno noko kwiziqu zethu kodwa kakhulu kwabanye. Olu hlobo lweseti yezinto ezibekwa phambili lukwaguqula ulwalamano lwethu nabo basegunyeni phezu kwabacinezelweyo. Yona iBhayibhile ifundisa ukuba amaKristu ahloniphe athobe abalawuli bawo, kangangoko. Ukho umahluko, (jonga, umzekelo, kwabaseRoma 13:1–7), ikwakho indawo apho sidinga ukuphinda amazwi kaPetros: “Simelwe kukuthi sithobe uThixo kunabantu!” (IZenzo 5:29, NIV). UYesu wabeka lemithetho-siseko mibini endaweni elinganayo kwimpendulo yaKhe kwabo babezama ukumfaka ekoneni ngalo mbandela: “Buyiselani okukaKesare kuKesare, nibuyisele kuThixo okukaThixo” (Mat. 22:21, NIV). Abo banegunya, nokuba ngurhulumente okanye ngolunye uhlobo, baye banyanzelise bagcine elo gunya ngokoyikisa okanye ukunyanzela. Njengoko sibonile ebomini bukaYesu, ukuhlala ngokuthembeka akusoloko nakuzo zonke iimeko kufuna ukuba mbuna naxa kujongenwe nobubi. Umzekelo, ephethe umba wobukhoboka eMelika, uEllen G. White wabhala wathi: “Xa imithetho yabantu igilana nelizwi nomthetho kaThixo, kufuneka sithobe [umthetho kaThixo], nokuba iziphumo ziya kuba njani. Umthetho welizwe lethu ofuna sibuyisele ikhoboka kwinkosi yalo, akufuneki siwuthobe; kwaye kufuneka sihlale neziphumo zokuwaphula lo mthetho. Ikhoboka aliyompahla yakhe nawuphi umntu. UThixo nguYe oyinkosi yalo eselungelweni. Umntu yena akanalo ilungelo lokuwuthabathela ezandleni zakhe njengowakhe umsebenzi wezandla zikaThixo.”— *Testimonies for the Church*, vol. 1, amaph. 201, 202.

**Uphi umda phakathi kokuthobela amagunya nokumela abo banokuba ngamakhoboka egunya elinengcinezelo?**

## Ukudinwa Kwemfesane

Ukumelana nokuba kungenzeka ukuba ukuvumela iinjongo zethu ezilungileyo zingagutyungelwa “yiyo yonke inkathazo esemhlabeni,” abaninzi kuthi bangathanda ukwenza ngaphezulu ukuze kubekho umahluko ebomini babantu ababulalekayo. Zinini iingqondo nezenzo ezinokusinceda ukuba sisabele kakuhle kwabo banentswelo.

**Imfesane:** Njengoko sibonile, ukubona nokuba novelwano nentlungu yabo basentlungwini namanyathelo okuqala okuvakalelwa kwethu ngababulalekayo. Namhlanje, abantu bathetha “ngokudinwa kwemfesane,” ingcamango ethi sihlangana nentlungu nentlekele kakhulu kangangokuba abaninzi kuthi badiniwe ngoonobangela abasoloko befuna amandla emvakalelo yethu nenkxaso yemali. UYesu wayebuqonda kakuhle ububi nentlungu eyayimngqongile; kodwa, wahlala enemfesane. Masibe njalo nathi.

**Imfundo:** Kuba iimeko ezininzi zenkohlakalo nobuhlwempu zinzima, ukuphulaphula nokufunda oko sinako ngezi meko kubalulekile. Iye yamininzi imizekelo apho abantu abaneninjongo ezintle baye benza umonakalo ebomini babanye abantu ngokuzama ukunceda. Nangona oku kungenako ukuthethelela ukungenzi nto, kufuneka sizame ukubandakanyeka ngeendlela ezichubekileyo nezicingisisekileyo.

**Umthandazo:** Xa sibona ingxaki, ingcinga yethu yokuqala yeyokwenza into ephathekayo.” Kanti ke iBhayibile isikhumbuza ukuba umthandazo uya “phatheka.” Singenza umahluko ebomini babangamahlwempu nabacinezelweyo ngokubathandazela kwakunye nabo banegunya phezu kwabo (jonga u-1 Tim. 2:1, 2), kwakunye nokufuna inkokelo kaThixo ukuba singasabela kakuhle njani ekunikeni uncedo ngapha koko (jonga Miz. 2:7, 8).

**Ukulindela:** Esinye isiqalelo esibalulekileyo ekusebenzeni ukuphelisa ukubulaleka kukuba nokulindela okukuko, ngenxa yobunzima beemeko zasekuhlaleni, nezopolitiko, nezabantu. Ithemba lethu limele ukuba kukunika abantu ukuzikhethelela namathuba abangakhange babenawo ngaphambili. Ngamanye amaxesha into eyenziwa ngabanu ingasidanisa, kodwa kufuneka sikuhloniphe oko kukhetha kwabo. Nangayiphi indlela esingazama ukusebenzela ngayo ababulalekayo, umthetho-siseko wethu okhokelayo kufuneka ube kukweza oko singa abanye bangenza kona kuthi” (Mat. 7:12, NIV).

**Funda: Yakobi 1:5–8. Ithini indawo omele ukuyidlala ekwenzeni kwakho kobuKristu? Ucebisa ntoni uYakobi 2:15, 16 ngeendlela esinokuba negalelo ngayo ekusabeleni kwimithandazo yethu engabanye?**

---

---

## Ububele

“UThixo uthanda umphi ochwayitileyo” (2 Kor. 9:7), kwaye ukupha ngobubele kulibakala elibalulekileyo kubomi bomKristu. Nangona kufuneka siyivumele iBhayibhile ukuba inike umngeni ukunikela kwethu nokuhamba phambili kwindyabo yethu, ububele bungaphezulu kokuyiphosa nje imali emcimbini, nokuba ingakanani. Endaweni yoko, ububele lolunye lweempawu zomoya wobomi ongowona mkhulu nesithixo kokuhle “kwabo bamoyikayo uYehova” njengoko kuphawulwe amaxesha amaninzi kwiNdumiso 112: “Unoyolo umntu obabalayo, oyenza imicimbi yakhe ngobulungisa” (Nd. 112:5, NIV).

**Zifundisa ntoni ezi ndima zilandelayo ngobubele ngakwabo basweleyo? Lev. 25:35–37, Nd. 119:36, 2 Kor. 8:12–15, 1 Yohane 3:16–18, 1 Tim. 6:17–19.**

---

Kwiileta zakhe zeTestamente eNtsha, uPawulos uthi rhoqo ecaphula kububele bukaThixo–obaboniswa ngokupheleleyo ekunikeleni kuka Yesu ngobomi baKhe ngenxa yethu–njengejelo lethemba lobuKristu. Ngelinye icala, ukufa kwaKhe ngenxa yethu–kwakukwayinkuthazo yokuphila kwethu ubomi bokuba nobubele ngakwabanye: “Ndiyathandaza ukuba ubudlelane bakho kunye nathi elukholweni bube negalelo ekwenzeni nzulu ukwazi ngento yonke elungileyo esabelana ngayo ngenxa kaKristu” (Filemon 1:6, NIV). Ububele yimo yengqondo ngasebomini ethi ibe nkulu, ibe nesibindi, neyangayo. Okuninzi kubomi bethu ngabanye, emibuthweni, nakwiinkcubeko kusenxa ukuba siqwalasele eziqwini zethu, sizigcinele thina kangangoko esinako. Masike siyijonge kakuhle le nto, kwabaninzi kuthi, usiba olwalatha impazamo lusoloko likumna, mna, mna nakanjani. Ukuba yinyaniso, ukholo lwethu luya kusenxa sife kumna siphilele ngakumbi abanye. Ukholo lwethu lusinceda ukuba sibe nomfanekiso wehlabathi njengoko uThixo anawo, abantu balo sibabone njengoko uThixo ebabona, kuko kokubini – ekulungeni nasekwaphukeni kwabo, luze lusinyanzele ukuba sizame ukubanceda abo banentswelo, kangangoko sinako. Njengokuhle kokuphila, ububele buthandwa kakhulu ngabaceli beemali naboncedo kwabahluphekileyo. Ububele obunjalo bunawo umlinganiselo baye busiya kwindawo ethe ngqo. Sekunjalo, iziphondo ezikhulu azibonisi ubomi obunobubele (jonga uMarkoo 12:41–44). Ubomi obunobubele bukhulu bunexabiso kakhulu kunaso nasiphi na isiphondo. Siyakudinga ukuba siwuxabise siwukhuthaze umoya wobubele kuko konke esikwenzayo. Kubantu abaninzi, ububele abufiki ngokwendalo; lubabalo esiludingayo ukubonisa ebomini bethu ngokuhamba phambili kokwenza nangenjongo, nokuba kungakanani ukutsalwa sisono kobuntu bethu obunesono nobuthanda ukutsalela kuthi konke.

**Ngaphandle kwemali, kwanokupha ngobubele, zeziphi ezinye iindlela esinokubonakalalisa ngazo umoya wobubele?**

## Ukwenza Uxolo

**Funda: Mateyu 5:9. Kuhlobo lwelizwe esiphila kulo, sikwenza njani oku uYesu akuthethayo apha? Ekugqibeleni, singaphumelela njani? Bona uMarkoo 13:7.**

---

Ukulwa okunobubhovubhovu kungunobangela obonakalayo wentlungu. Kuhlange neendleko zemfazwe, kukho amaxhoba ncakasana nabantu abaqobekileyo, ingqwalasela nendyebo ezinikelwe kwizixhobo zokulwa engeyayisetyenziswe ekuphunguleni iintswelo zoluntu kunye nokutsala nzima okuqhubekayo kwabasinde emfazweni nabadala abahlala phantsi, naphakathi kwabo boyisayo.” Kuphinde kubekho amadatyana angxwelerha iifumba ezingenakubalwa kwiintsapho nasekuhlaleni. Embindini wegospile kaYesu kukho isenzo sikaThixo esinemfesane nesikhulu sokwenza uxolo, ukuxolelanisa abantu abasesonweni kuMdali wabo (jonga 2 Kor. 5:18–21). Kanti uxolelaniso esilufumanayo luba ngumzekelo kuthi ukuba sibe “ngabameli” bolu xolelaniso nakwabanye.

### **Isaya 52:7. Siyiphila njani na le indima?**

---

Igospile yoxolo nayo iba yinkuthazo, umzekelo nesixhobo sokusebenzela uxolo kwihlabathi lethu elinengozi: “Intliziyo ehambelana noThixo iyaxhamla kuxolo lwasezulwini yaye iya kufaka intsikelelo yayo kubo bonke abayijikelezileyo. Umoya woxolo uya kulala okombethe phezu kweentliziyo ezidiniweyo nezikhathazwe yimbambano yasemhlabeni.”—Ellen G. White, *Thoughts From the Mount of Blessing*, iph. 28.

Kwintshumayelo yaseNtabeni, uYesu wathi: “Banoyolo abaxolisi, ngokuba baya kubizwa ngokuba bangoonyana bakaThixo bona” (Mat. 5:9, NIV). Ukukubhekisa phambili oku, akazange anele kuwubethelela umthetho ochasa ukubulala, wathi nathi akufuneki sibe nomsindo okanye inqala (jonga uMat. 5:21–26) nokuba kufuneka sizithande iintshaba zethu sithandazele abo basitshutshisayo (jonga uMat. 5:43–48), into ethi kufuneka sithabathe amanyathelo asebenzayo ukuzama ukulungelwa kwabo. Maninzi amabali akhuthazayo abantu abanikela ubomi babo ekwenzeni uxolo kwiindawo zehlabathi ezineenkathazo, bezisa umtha woxolelaniso nokuphila, bade baphungule okuninzi kwinkohlakalo nembulaleko eziziswe kukulwa.

**Zeziphi iindlela elinokuthi ibandla lakho, apho ekuhlaleni, lisebenze indawo yabazisi boxolo?**

## Ilizwi Labangenalo Ilizwi

USolomon wabhala esithi, “ukuthi cwaka kunexesha lako, ukuthetha kunexesha lako” (Intsh. 3:7). Wayenyanisile, kanti nokufumana oko kungqinela nakuwuphi kuthi. Phofu, xa kufika ekuthetheleni abacinezweyo nokuba lilizwi labangenalo ilizwi nokuzama ukoyisa ububi ngokulungileyo, ingaba kuyenzeka ukuba silibandla sone ngakwicala lokuthula kakhulu naxa ilizwi lethu bekufuneka livakele? AmaKristu akholisa ukuthetha ngezandla neenyawo zikaYesu, ebhekisa ekubizelweni ekusebenzeleni abanye ngendlela ephathekayo njengoko uYesu ebenga singenza njalo. Phofu kwindawo yokuprofeta njengoko ibonisiwe eBhayibhileni, ubizo lukaThixo lokuqala lolokuba amadoda nabafazi babe lilizwi laKhe-kuthi ekuthetheni endaweni yaKhe uThixo, kube kukuthetha endaweni yabo uThixo afuna ukubakhusela (jonga iNd. 146:6–10).

**Funda: Isaya 58:1–10. Sifanele ukuthini kuthi esi sigidimi, xa sinikwe ngexesha elililo nendawo kunye nemeko efaneleyo, xa sinikwe ngelinye ixesha, indawo, nemeko? Kungakanani okuye kwaguquka phakathi kwexesha lokubhala oku kukaIsaya nehlabathi lethu namhlanje?**

---

Ubizo lomprofeti ukuba kwenziwe ubulungisa aluzange lwaba yindlela esinga ekuthandweni. Phofu eqhutywa ngumyalelo ovela kuThixo, eyiqonda imvakalelo kaThixo ngobulungisa, enovelwano nentlungu yabahluphekileyo nabacinezweyo, nokufunela okona kulungileyo abantu abahlala phakathi kwabo, aba baprofeti babanaso isibindi sokuba lilizwi kwabangenalo ilizwi ngexesha labo, kwindawo yabo, bedela inkcaso, ukungonwabi, nengozi (jonga ku-1 Pet. 3:17). Kuxhomekeke ekuyiqondeni kwethu igospile nobizo lokuveza uYesu ehlabathini, amaSeventh-day Adventists anazo nezinye izinto ezininzi anokuzinika ngokubhekiselele ekulweni ububi emhlabeni.

Umzekelo: “AmaSeventh-day Adventists akholelwa ukuba izenzo zokuthothisa ubuhlwempu nenkohlakalo ehambelana nabo zizinto ezibalulekileyo eziyinxalenye yomthwalo wokusebenza ekuhlaleni. IBhayibhile iwuveza ngokucacileyo umdla kaThixo owodwa ngamahlwempu kwakunye nokulindela kwaKhe ukuba abalandeli baKhe baza kusabela njani kwabo bangakwaziyo ukuzikhathalela. Bonke abantu banawo umfanekiselo kaThixo baye bengabamkeli bentsikelelo kaThixo. (Luka 6:20). Ekusebenzeni nabahluphekileyo, thina silandela umzekelo nemfundiso kaYesu (Mateyu 25:35, 36). Njengosapho lwasemoyeni, amaSeventh-day Adventists avakalisa ubulungisa kumahlwempu, ‘athethele abo bangakwazi ukuzithethela achase abo (IMizekeliso 31:8) ‘bavimba amahlwempu amalungelo awo’ (Isaya 10:2 NIV). Sithabatha inxaxheba noThixo othi ‘azuzele ubulungisa abahluphekileyo’ (INdumiso 140:12 NIV).” *Seventh-day Adventist Official Statement on Global Poverty*, June 24, 2010.

## Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, “A Higher Experience,” amaph. 503–516, in *The Ministry of Healing*; “Duty to the Unfortunate” and “Man’s Duty to His Fellow Men,” amaph. 511–526, in *Testimonies for the Church*, vol. 3; “Doing for Christ,” amaph. 24–37, in *Testimonies for the Church*, vol. 2. “Ungagqogqa izulu nomhlaba, ayikho inyaniso etyhilwe ngamandla amakhulu kunaleyo ebonakalaliswe emisebenzini yenceba kwabo badinga uvelwano noncedo lwethu. Yinyaniso le enjengoko injalo kuYesu. Xa abo bazibiza ngegama likaKristu besenza imithetho-siseko yomthetho omkhulu, kwaloo mandla manye aya kuba negospile njengakumaxesha abapostile.”—Ellen G. White, *Thoughts From the Mount of Blessing*, p. 137. “Ukuthanda uThixo kakhulu nokuthanda abanye ngokungasekelezi nzuzo—sesona siphosihle uBawo osezulwini alungele ukusinika. Olu thando alunto yokuziva ufuna ukuyenza, kodwa lungumthetho-siseko wezulu, amandla ahleli esisigxina. Intliziyo enganikelwanga ayikwazi ukuludala okanye ukuluveza. Lufumaneka kuphela entliziyweni apho uYesu alawula khona. . . . Olu thando, xa luphila emphefumleni, lunika incasa ubomi, luhlwayele impembelelo eyiyo kwabo bonke basingqongileyo.”—Ellen G. White, *IZenzo Zabapostile*, iph. 450.

## Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Njengoko sibonile kwisifundo sale veki, igospile iyaqhubeka ukuba lucwangciso nenkuthazo yokwenzela abanye, njengoko uYesu wenzayo ngenxa yethu. Ingaba oku kukukhulise njani ukuziqonda nokuzithanda kwakho iindaba ezilungileyo zoko uThixo asenzele kona nendlela alubonise ngayo uthando lwaKhe ngakuthi?
2. Ukuphakamisa ilizwi lakho ngenxa yabangenalo ilizwi, uxakeke kukwenza uxolo, nezinye izinto ezifana nezo kungasitsalela kumaqonga asesidlangalaleni nawopolitiko. Sekunjalo, ibandla lamaSeventh-day Adventists libe litshatshela ekwahlulweni kwebandla noburhulumente. Yintoni umahluko phakathi kokubandakanyeka kupolitiko okungekho sidimeni nokuthetha nokusebenza ukwenza uxolo ngeendlela ezisekahlaleni?
3. Leliphi inyathelo okanye isenzo esixoxwe kwisifundo sale veki ongathanda ukulithabatha ebomini bakho nasekahlaleni? Ungenza njani ukuba oko kwenzeke?
4. Nguwuphi umba wobubi ngengcinezelo oqjibe ukuba uwuthandazele ekuhlaleni kwakho okanye emhlabeni ngokubanzi?

## Isishwankathelo:

Ukuba ngumlandeli kaYesu kubuguqula ubomi bethu ngeendlela ezininzi, kuquka ukudala ngaphakathi kwethu umnqweno wokuzibandakanya kwinkathalo esebenzayo kaThixo kwabangamahlwempu nabacinezelweyo. Nangona ungazange wangumsebenzi olula nothandwayo, uya kukuguqula esikubeka phambili nokusikhuthazayo kube nento okuyenzayo ukuthabatha amanyathelo okuphilisa inzima kwilizwe elisingqongileyo.